UNIVERSITY OF FORT HARE

XHS324 & XHS324E

DEGREE SUPPLEMENTARY EXAMINATIONS
January 2020

Time: 3 Hours

Subject: IsiXhosa

Paper: Prose

Marks: 100

This paper consists of 6 pages including the cover.

Internal Examiners

Dr. M. Ganiso
Dr. D. Spofana
Prof N. P. Satyo
Dr. S. S. Mdaka

External Examiners

Prof L. L. Kwatsha

Instructions

Phendula imibuzo ibe mine.
Uphendula imibuzo ibe mibini kwicandelo A uze uphendule ube mnye kwicandelo B, uphendule umbuzo ube mnye nakwicandelo C.

XHS324 & XHS324E - IsiXhosa Prose
Degree Supplementary Examinations - January 2020

ICANDELO A

Umbuzo 1

1.1 Ingqumbo Yeminyanya: A. C. Jordan

Qangqulula udaba olungqonge uThembeka kule ncwadi ubonise indlela uJordan adandalazisa ngayo uluvo lokuba ukunyonyozela nokunyevulela inkcubeko yasendulo udludle nenkcubeko yasemzini kuneziphumo ezimanyumnyezi.

[25]

OKANYE

1.2 Ingqumbo Yeminyanya: A. C. Jordan

Veza iindidi zempixano eziqaphelekayo kwincwadi Ingqumbo Yeminyanya

[25]

Umbuzo 2

2.1 UDingezweni: P. T. Mtuze

Grombonca kule ncwadi kaMtuze uqaqambise indlela aqulunka eqoqa ngayo iphupha likaNyubatyha nelikaDingezweni nendlela uqoqosho nolawulo lwamagwangqa awaqhekeze azingceba ngayo.

[25]

OKANYE

2.2 UDingezweni: P. T. Mtuze

Khukhuza ukhwahlaze kule ncwadi kaMtuze udandalazise indlela adakanca ngayo inzwinini yenzima athubeleza kuyo umntu omnyama phantsi kwengqesho yamagwangqa.

[25]

XHS324 & XHS324E - IsiXhosa Prose
Degree Supplementary Examinations - January 2020

Umbuzo 3

3.1 Elundini Lothukela: J. J. R. Jolobe

Chaza indlela abalinganiswa abaphambili abazotywe ngayo kwincwadi kaJolobe, **Elundini Lothukela**
Qwalasela aba balinganiswa balandelayo:
1.UNgwekazi noNtsele
2. UNobusi
3. Ikhankatha elinguDlanga

[25]

OKANYE

3.2 Ityala lamawele: S. E. K. Mqhayi

Qamela ngale ncwadi uthelekise inkqubo-mgaqo yeenkundla zomthetho zanamhlanje naleyo yeenkundla zakwaNtu mandulo.

[25]

ICANDELO B.

Umbuzo 4

He he! Ndiyeva Lawundini: H. N. Mjamba
Kwibalana elithi, "*Idabi lomhla weKrismesi*" khawulihlalutye ngokuthi uthethe ngempixano enokuba ikho apha kulo.

[25]

Umbuzo 5

5.1 Kwezo Mpindo Zetsitsa: AC Jordan
Chonga ibali libe linye eliva umxhelo wakho kule ncwadi kaJordan uze udandalazise zonke iimpawu zebali elifutshane.

[25]

OKANYE

5.2 Kwezo Mpindo Zetsitsa: A. C. Jordan

Dandalazisa elubala umehluko phakathi kwebali elifutshane nelivo.

[25]

Umbuzo 6

6.1 Umthi ngamnye unentlaka yawo: S. Magona
Khetha ibali libe linye eliva umxhelo wakho kumabali owafundileyo kule ncwadi kaMagona uze uxoxe ukusukela kwisihloko selo bali ulikhethileyo ukuyo kutsho ekupheleni kwebali uze ungqine kananjalo ukuba ingaba uMagona uziphumelele na iimpawu zokubhala ibali elifutshane.

[25]

OKANYE

6.2 Umthi ngamnye untlaka yawo: S. Magona

Yintoni indoda? Ingaba indoda ngumnqwazi? Bonisa iimpawu zokuba yindoda yenene okanye indoda eyinene ngokuthi ucaphule kwibali likaMagona elithi "Indoda Asingomnqwazi".

[25]

ICANDELO C

Umbuzo 7

Imitha Yelanga: W. K. Tamsanqa

Sinemixholo eliqela ethi iphuhliswe sisincoko. Tyumba ilivo libe linye elithandwe nguwe kule ncwadi kaTamsanqa uze ubhale ngomxholo ophuhliswa leli livo.

[25]

Umbuzo 8

8.1 Ndithungile Selani: D. V. Tom

Tyumba i- eseyi ibenye kwii eseyi ozifundileyo, uxoxe kuvokotheke ngeempawu ze eseyi athe waziveza umbhali ekubhaleni kwakhe ezi eseyi. Nanje ngomfundi ofundileyo ngeempawu ze eseyi, ingaba u DV Tom uyiphumelele na indlela yokubhala i eseyi okanye hayi? Xoxa.

[25]

OKANYE

8.2 Ndithungile Selani: D. V. Tom
Chonga ilivo libe linye kula mavo alandelayo uze uhlalutye kananjalo uveza izinto ezibalulekileyo ezikhankanywa ngumbhali.

1. Umgidi
2. Uvelwano

[25]

Umbuzo 9

9.1 Amaxesha Empucuko-Sisingise Phi na? M. Yekela

Khetha amavo abe mabini kula alandelayo uze uphononongе imfundiso uYekela ayifundisa abafundi ngokuthi uchankcathe kwimizekelo yoku ukutshoyo.

1. Ingaba nditya ityhefu ndisithi ngelam kukutya?
2. Bazali Amaxesha ngamanye
3. Umasihlalisane

[25]

OKANYE

9.2 Amaxesha Empucuko- Sisingise Phi na? M. Yekela

Tyumba ilivo libe linye kule ncwadi ka Yekela uze ulihlalutye uveze konke okubonakalisa iimpawu zelivo akubonakalisileyo umbhali.

[25]